

Vulamasango Singene Intsika Yethu District

(which represents 109 villages)

Isikoba AA
Cofimvaba
5380

C/o Nomgcobo Somdyala
Phone 0786827174

1. Singabantu base Cofimvaba asihambisani nale Bill ngokuba siyibona njenje yendlela zokungcungcuthekisa abantu kwindawo zabo zokuhlala.
2. Inxaki enkulu ngale Bill kukuba yenziwa ngokubonisana ne National House of Traditional leaders neenkokheli ezisezi- offisini kaRhuliment welizwe nokumaphondo.
3. Oku kweziwa ngaphandle kwengxoxo zoluntu ngakumbi abangoomama njengoko ingabo abasisininzi kwindawo zasemakhaya kwaye ingabona bachaphazeleka kakhulu yile Bill
4. Le Bill sisiyibona isesinye isisxhobo sokuhlukumeza aamlungelo abantu abangomama. Inikeza amandla kwinkosi njenoko uninzi lweenkosi ingabantu abangotata. Ayiwananzanga amalungelo wabantu abangoomama lokuthata inxaxheba nokuzibandakanya kwiinkundla zeenkosi.
5. Le Bill ayicacisi ngokuthe gca ukuba abantu bazodla eyiphi indima kwezinkundla xa kukho ingxubakaxaka ekufuneka isonjululwe
6. Le Bill inikeza iinkosi amandla okuba izigqibo zabo zingaphikiswa
7. Ibulala amandala ezinye iinkundla zasemakhaya.
8. Inika iinkosi ezilawulayo amandla okugweba noba ngomphi umntu ukuba asebenze ngokuthanda kwazo nokuba oko kunyathela amalungelo akhe
9. Iqinisa ulawulo nemithetho emidala eyayenziwe ngexesha lobandlululo eyayicinezela abantu ukuba bahlale belawula yimithetho abangahambisaniyo nayo
10. Inqanda ilungelo labantu lokuzikhethelela ukukba yeyiphi inkundla afuna ukuyisebenzisa xa enetyala
11. Lo Mthetho uyalivimba ilungelo lokumelwa ligqwetha oku ke akuvumelani nomgaqo siseko welilizwe othi wonke umntu unelungelo lokuba azifunele igqwetha xa enetyala.

12. Ayibavumeli abantu abangoomama ilungelo lokuzimela xa bejongene namatyala okugxothwa kwindawo abahlala kuzo.

13. Ayiwahloniphi amalungelo abantu abangoomama /aabahlolkazi ukuba bazixoxele xa bethathelwa imihlaba.

Sicela ke singabahlali le Bill ikhe ibuyiswe umva njengoko oku kungasetla kungenzekanga. Asikhange sinikezwe ithuba lokufaka imibono yethu, asikhange ukutsho imfuno zethu ngaphambi kokuba kwenziwe lomthetho uzakuchaphazela thina. IyasaThina bantu siyibona njengento ezokwechitha iindlela ebezikho ngaphambili zokuxoxa zisombulule amatyala neengxwabangxaba zasezilalini. Siyibona ikhona imfuneko yokucaciswa kwenjongo nomong wale Bill, indawo yoomama, amandla nendlela ekwakhiwa ngayo ezinkundla. Ayisonwabisi into yamandla anikekezwa umntu omnye siwabona engaphezulu kunaye ngoba asiyiboni eyokuba uzakuba ngmphanandi, tashutshise abuye abengumgwebi ngaxesha nye. Sithi ke U rhulumente makuqinisekise ukuba abantu basezilalini abona bachaphazelekayo makuqinisekise ukuba intatho nxaxeba yabo. Amaqonga okuviwa kwezinvu zabantu ayenziwa kumaphondo onke phambi kokuba ithathe isigqibo ngale Bill.